# Izibuko ! !

(Yimbongikazi Nontsizi Mgqwetto).

Lapuma Ilanga ! Sifun' Izibuko
Ingelilo elama Koloni odwa
Lezizwe Ezintsundu pantsi kwelanga
Kuba madoda sipantsi kwenyawo.

Ndakubheka ndibheka emlungwini
Ndeva sendibanjwa ngamadindala
Aye andifaka emqolombeni
Ndanikwa inyanga namanz' etyuwa.

Kwaye kuko no Xam wase Tyelera
Ugxiba olude luka Wayiza
Nosonkutunkutu ka Ralusha
Ndiyamzonda ondivimb' itolofiya Taru !

Indlela mazihlwayele Umanyano
Sifuna Izibuko lokuweza nenkosi
Izibuko elimema no Tshiwo
Abamemeza ingqina bengayipumi.

Elapula inqwelo asilifuni
Makwapuke kanye Instsika Zezulu
Lide livakale izwi la Bautsundu
Lenze nomngqungqo Esangweni eZion.

Izibuko ! Siwelele ngapaya.
Singayi ngokusela sibuye umva
Kuba ngokwenjenjalo sobe sifana
Nabanqanda iliwa lidilika.

Izibuko esinalo limxetuka
Animboni umlungu esoyisa nje
Kunye kade kutiwa banokwazi
Nabafaz' bayashiyana ngokupeka.

Sifuna Izibuko nelo kunqandela
Zonke Intombi ezishiy' amadoda
Kawudude Nto ka Maxeke sibonele
Wena madala okade ubalisa.

Elapula inqwelo asilifuni
Ukufana siwele singe asiboni
Wenani ! Makupetele namar'wala
Kade sidlala nawo singabantwana.

Izibuko ! Kuyiwe ezintilini
Ingelilo elama Koloni odwa
Nomzi womangala ub'ule usela
Xa tina kwasedwa sisahlulelana.

Inkokeli mazilale ngemihlana
Umzi wazo ujong' ezibukweni
Mazitsale nefolos' zide ziguqe
Yapuke ! desselb'om amacala omabini.

Buya ! Nonyake nje wa Ngwevu yakuti
Amabhongo entliziyo uwagqibile
Yihla ngemilambo ubinza ngomkonto
Uye Ntshonalanga zo Vulasitara.

Watsho ! Nongqause ntombi ka Mhla-
[kaza
Amadoda afakana imilomo
Kuba uvuko lwabafileyo lukona
Ingelulo olokuvuka kwenkomo.

Hayikona !